URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Bronwyn Calvert
ICandelo loLawulo lweeMviwo
Bronwyn.Calvert@westerncape.gov.za | 021 467 2994

Inombolo yefayili: 20/3/P
Isalathiso: 20241007-7217

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0006/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*SLES*, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki (*National Senior Certificate and Senior Certificate and Senior Certificate examinations*)

ISihloko: Amalungiselelo okuqhutywa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-Oktobha/Novemba 2024 nokugcinwa ngokukhuselekileyo kwamaphepha emibuzo, iincwadi zeempendulo neemakhishithi

1. NgokweMimiselo *Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination*, epapashwe *kwiGazethi kaRhulumente No*. 31337 yomhla we-29 Agasti 2008, njengoko ifakelwe izilungiso ngowe-30 Apreli 2019, amasebe emfundo amaphondo makaqinisekise ukuba agcinwa ngokukhuselekileyo amaphepha emibuzo, iincwadi zeempendulo neemakhishithi ze-*NSC* kumaziko okubhalela iimviwo phambi kweemviwo.

2. Iimviwo ze-*National Senior Certificate(NSC)*) zangoNovemba 2024 ziya kuqala ngoMvulo we-21 Oktobha 2024 zize ziqukunjelwe ngowe-27 Novemba 2024.

3. Iinqununu/abaphathi bamaziko (abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo *(storage managers)* bayakhunjuzwa ukuba baqalise ukulungiselela iimviwo ze-*NSC* zango-Oktobha/Novemba 2024 nokwamkela amaphepha emibuzo neencwadi zeempendulo ze-*NSC*. Umthwalo wokuqala sele ulungiselelwe ukuziswa kumaziko okubhalela iimviwo ngowe-17 Oktobha 2024.

4. **Izinto zokubhala iimviwo** (***examination stationery***) zeemviwo ze-*NSC* zango-Oktobha/Novemba 2024 ziya kusiwa nomthwalo wokuqala wamaphepha emibuzo neencwadi zeempendulo ukususela ngowe-**17 ukuya kowe-18 Oktobha 2024.** Izinto

zokubhala iimviwo mazitshekishwe ngoko nangoko, kungqinisiswe ukuchaneka kwazo yaye mazigcinwe kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo leziko lokubhalela iimviwo kude kuqale iimviwo. Naziphi na izinto ezishotayo kwizinto zokubhala iimviwo makunikwe ingxelo ngazo ngoko nangoko kuNks Bronwyn Calvert ngokuthumela i-imeyili kulo: Bronwyn.Calvert@westerncape.gov.za

5. **Ukusiwa kwamaphepha emibuzo, iincwadi zeempendulo neemakhishithi ze-*NSC***

5.1 Amaphepha emibuzo neencwadi zeempendulo ze-*NSC* ziya kusiwa kumaziko okubhalela uviwo **ngemithwalo eyi-11** ngeMivulo nangooLwezine.

5.2 Iimakhishithi ziya kupakishwa ngeseshoni nganye kunye namaphepha emibuzo.

5.3 Imihla yokusiwa kwemithwalo kumaziko okubhalela iimviwo yile ilandelayo:

Imithwalo	Imihla yoviwo	Imihla yokusiwa kwayo
Umthwalo 1	21–22 Oktobha 2024	17 Oktobha 2024
Umthwalo 2	23–25 Oktobha 2024	21 Oktobha 2024
Umthwalo 3	28–29 Oktobha 2024	24 Oktobha 2024
Umthwalo 4	30 Oktobha ukuya kwi-01 Novemba 2024.	28 Oktobha 2024
Umthwalo 5	04–05 Novemba 2024	31 Oktobha 2024
Umthwalo 6	06–08 Novemba 2024	04 Novemba 2024
Umthwalo 7	11–12 Novemba 2024	07 Novemba 2024
Umthwalo 8	13–15 Novemba 2024	11 Novemba 2024
Umthwalo 9	18–19 Novemba 2024	14 Novemba 2024
Umthwalo 10	20–22 Novemba 2024	18 Novemba 2024
Umthwalo 11	25–27 Novemba 2024	21 Novemba 2024

5.4 Kubaluleke kakhulu ukuba abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo bafumaneke ngemihla yokusiwa kwemithwalo ukwenzela ukuba bayamkele imithwalo.

5.5 Nakuba ikhuriya ivumeleke iintsuku ezimbini ezona zininzi ukuzisa umthwalo wamaphepha emibuzo kumaziko okubhalela iimviwo, igunyaziswe ukuba iwuzise umthwalo lungadlulanga usuku olunye. Nayiphi na imithwalo engaziswanga iya kusiwa njengemithwalo yongxamiseko ngosuku lwesibini.

5.6 Abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo bayacelwa ukuba baqinisekise ukuba abaqhubi bekhuriya abalibaziseki ngosuku lokuziswa kwemithwalo, ukuqinisekisa ukuba ikhuriya iyizisa ngexesha yonke imithwalo kumaziko okubhalela uviwo.

5.7 Ukuba abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo abayifumananga imithwalo yabo yamaphepha emibuzo kude kubethe u-15:00 ngeMivulo nangooLwezine, mabaqhagamshelane noNks Merle Ludick kule nombolo yefoni 021 467 2246 okanye

noMnu Clive Berry kule nombolo yefoni 021 467 2265/084 580 1601, abaya kuqhagamshelana nenkonzo yekhuriya.

6. **Inkampani yekhuriya entsha ukwenzela iimviwo ze-*NSC* zango-Oktobha/Novemba 2024**

6.1 Inkampani yekhuriya **entsha** yokuziswa kwamaphepha emibuzo e-*NSC* nezinto zokubhala iimviwo eNtshona Koloni yi-***Brima Logistics*.**

6.2 Umqhubi we-***Brima Logistics*** uya kwaziwa ngezi zinto zilandelayo:

- Itishethi i-*navy blue golf t-shirt* enelogo ye*Brima* nejakethi enombala okhanyayo omthubi (yellow reflector jacket)
- Ikhadi i-*ID card* enelogo emhlophe nablowu (enobuso bakhe (*picture*), igama, isebe nenombolo yesazisi *(ID number*)
- Ileta yokuvunyelwa ukungena *(letter of admission*) (ekwisithuthi nefumanekayo xa kuceliwe oko)
- Izithuthi ezingenamibhalo/ezingenazimpawu (*Unmarked vehicles)*

6.3 Umqhubi we-*Brima Logistics* uvumeleke ukungena kuphela kumasango eziko lokubhalela uviwo yaye izikriphthi zeempendulo mazinikwe kuphela umqhubi xa ngaba yena **unako ukwaziwa ngezi zinto zikhankanywe ngentla.**

6.4 Ukuba umqhubi we-***Brima Logistics*** akayithobeli imiqathango emiselweyo yokuzazisa engentla apha, niyacelwa ninike ingxelo ngesi sehlo kulo naliphi na igosa kula magosa oviwo alandelayo:

Igosa	Inombolo yefoni	Idilesi ye-imeyili
Mnu Chad Feltman	021 467 9288	Chad.Feltman@westerncape.gov.za
Nks Bronwyn Calvert	021 467 2994	Bronwyn.Calvert@westerncape.gov.za
Nks Merle Ludick	021 467 2246	Merle.Ludick@westerncape.gov.za
Mnu Clive Berry	021 467 2265 okanye 084 580 1601	Clive.Berry@westerncape.gov.za

7. **Ukukhutshwa kwamaphepha emibuzo nokuthathwa kwezikriphthi zeempendulo**

7.1 Ngenxa yokuba uninzi lwamaphepha emibuzo neencwadi zeempendulo eziqhelekileyo (*common answer books*) zimhlophe, makuthathwe amanyathelo othintelo angaphezulu ukuqiniseka ukuba abaviwa abaphumi nezikriphthi zeempendulo zabo kwigumbi lokubhalela uviwo. Ukuphuma komviwa kwigumbi loviwo neskriphthi seempendulo esizalisiweyo kuthathwa njengesitenxo soviwo.

7.2 ISebe iWCED liprinte la maphepha emibuzo alandelayo anekhava yombala othile. Abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo mabaqinisekise ukuba abaviwa abanikwa

iphepha lemibuzo elingachanekanga, ngakumbi kwiiseshoni apho kubhalwa iilwimi (ULwimi lwaseKhaya kunye/okanye uLwimi lokuQala oloNgezelweyo):

Iphepha lemibuzo	Umbala wekhava
English Home Language Papers 1, 2 & 3	*Yellow*
English First Additional Language Papers 1, 2 & 3	*White*
English Second Additional Language Papers 1, 2 & 3	*Green*
Mathematics Papers 1 & 2	*Blue*
Mathematical Literacy Papers 1 & 2	*White*
Technical Mathematics Papers 1 & 2	*Green*
Xhosa Home Language Papers 1, 2 & 3	*White*
Xhosa First Additional Language Papers 1, 2 & 3	*Pink*
Xhosa Second Additional Language Papers 1, 2 & 3	*Yellow*
Afrikaans Home Language Papers 1, 2 & 3	*Yellow*
Afrikaans First Additional Language Papers 1, 2 & 3	*White*
Afrikaans Second Additional Language Papers 1, 2 & 3	*Blue*
Physical Sciences Papers 1 & 2	*White*
Technical Sciences Papers 1 & 2	*Blue*
Civil Technology (Civil Services)	*Blue*
Civil Technology (Construction)	*Pink*
Civil Technology (Woodworking)	*White*
Mechanical Technology (Automotive)	*Yellow*
Mechanical Technology (Fitting and Machining)	*Green*
Mechanical Technology (Welding and Metal)	*White*
Consumer Studies	*White*
Hospitality Studies	*Pink*

7.3 Uluhlu lwamaphepha emibuzo aneencwadi zeempendulo ezikhethekileyo *(unique answer books)* ezifakwe kumaphepha emibuzo lubonisiwe apha ngezantsi. Abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo mabaqinisekise ABAKHUTSHELWA abaviwa ababhala ezi zifundo, incwadi yeempendulo eqhelekileyo. **Malubonisiwe olu luhlu ngokucacileyo kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo nakumagumbi oviwo.**

7.4

Amaphepha aneencwadi zeempendulo ezikhethekileyo	Ingcaciso
Accounting Papers 1 and 2	Zifakiwe iincwadi zeempendulo kwiphepha lemibuzo
Engineering Graphics and Design Papers 1 and 2	Kuphendulwa kwiphepha lemibuzo
Mathematics Paper 2	Ifakiwe incwadi yempendulo kwiphepha lemibuzo
Music Paper 2	Kuphendulwa kwiphepha lemibuzo
Technical Mathematics Paper 2	Ifakiwe incwadi yempendulo kwiphepha lemibuzo
French Second Additional Language Paper 1	Ifakiwe incwadi yempendulo kwiphepha lemibuzo
German Second Additional Language Papers 1 and 2	Zifakiwe iincwadi zeempendulo kwiphepha lemibuzo
Italian Second Additional Language Paper 1	Ifakiwe incwadi yempendulo kwiphepha lemibuzo
Spanish Second Additional Language Paper 1	Ifakiwe incwadi yempendulo kwiphepha lemibuzo.
Portuguese Second Additional Language Paper 1	Ifakiwe incwadi yempendulo kwiphepha lemibuzo.

8. **Ukulawulwa kweencwadi zeempendulo**

8.1 NgokweSebe leMfundo esiSiseko, iincwadi zeempendulo zabaviwa maziphathwe ngendlela efanayo naleyo yamaphepha emibuzo, ngoko ke iincwadi zeempendulo ziya kupakishwa yaye zihanjiswe kumaziko okubhalela iimviwo, ngeseshoni nganye kunye namaphepha emibuzo.

8.2 Amaphepha emibuzo e-*NSC*, kunye neemakhishithi eyimfuneko aya kupakishwa yaye atshixelwe kwiingxowa zekhanvasi ezimnyama ii-*black canvas bags*. Iincwadi zeempendulo eziqhelekileyo ziya kutywinelwa kwingxowa ii-*plastic tamper-proof bags* yaye zipakishwe ngeseshoni nganye kwibhokisi yekhadibhodi ebrawuni *(brown cardboard box)*, ngokwahlukileyo kumaphepha emibuzo – kodwa zihanjiswe kunye nomthwalo ngamnye wamaphepha emibuzo.

8.3 Wakuba ufunyenwe umthwalo, iincwadi zeempendulo (ngeseshoni nganye) mazigcinwe kunye nengxowa zekhanvasi ezimnyama ii-*black canvas bag* zeseshoni nganye kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo.

8.4 Ezi nkqubo zilandelayo zokulawulwa kweencwadi zeempendulo ukwenzela iimviwo ze-*NSC* zango-Oktobha/Novemba 2024 mazilandelwe ngokuthe ngqo:

8.4.1 Ngoko nangoko emva kokuqukunjelwa kweseshoni yoviwo, izikriphthi zeempendulo zabaviwa neencwadi zeempendulo ezimoshakeleyo **ngeseshoni nganye (**kungekuko ngephepha lesifundo kuphela) mazitywinelwe kwingxowa yeplastikhi engenambala eyi-*clear plastic bag* ebhalwe ***Return of Answer Scripts/Spoilt Answer Books*** yaye mayiphawulwe ngokucacileyo **ngebhendi eluhlaza** i-***green band***. Ezi ngxowa zifakwe kunye nezinto zokubhala.

8.4.2 Iincwadi zeempendulo ezingasetyenziswanga ngeseshoni nganye mazifakwe kwingxowa yeplastiki engenambala (*clear plastic bag*) ebhalwe ***Return of Unused Answer Books*** yaye imakishwe ngokucacileyo **ngebhendi ebomvu** (***red band***). Ezi ngxowa zifakwe kunye nezinto zokubhala.

8.4.3 Iingxowa ii-*Return of Answer Scripts/Spoilt Answer Books bag(s)* ngeseshoni nganye mazifakwe yaye zitshixelwe kwingxowa yekhanvasi emnyama i-*black canvas bag.*

8.4.4 Igama nenombolo yezikolo lokubhalela uviwo, kwakunye nenani lilonke leencwadi zeempendulo ezingasetyenziswanga, malibhalwe kwi-*Return of Unused Answer Books bag(s)*.

8.4.5 Iingxowa ii-*Return of Unused Answer Books* bag(s) ezitywiniweyo ngeseshoni nganye, mazifakwe kwingxowa yekhuriya egreyi enkulu kunye nengxowa yekhanvasi emnyama etshixiweyo. Ukuba ingxowa egreyi ayanelanga, ingxowa egreyi yesibini inokusetyenziswa.

8.4.6 Abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo mabaqinisekise ukuba zonke iincwadi zeempendulo ezingasetyenziswanga ngeseshoni nganye zibuyiselwa kwaNdlunkulu nezikriphthi zeempendulo zeseshoni nganye.

8.4.7 Abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo mabaqinisekise ukuba ukusetyenziswa kweencwadi zeempendulo kurekhodwa yonke imihla, ngeseshoni nganye, kwirekhodingishithi ekwikhompyutha (*online recording sheet*) kusetyenziswa le linki okanye le *QR code*:
Oct/Nov 2024 NSC Answer Book Recording Sheet

9. **Ukuqhutywa, ukulawulwa nokuphathwa kweemviwo ze-*NSC***

9.1 Ukulungiselela ukuqhutywa, ukulawulwa nokuphathwa kweemviwo ze-*NSC* zango-Oktobha/Novemba 2024, abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo mabafunde uxwebhu i-*NSC/SC Examinations Procedure Manual 2024/2025* noxwebhu i-*Examination Handbook for Storage Managers*.

9.2 Zonke iinkqubo nemigaqo emalunga nokuqhutywa, ukulawulwa nokuphathwa kweemviwo ze-*NSC* zicacisiwe kwezi ncwadana zemigaqo zimbini.

9.3 Uxwebhu i-*NSC/SC Examinations Procedure Manual 2024/2025* noxwebhu i-*Examination Handbook for Storage Managers* mawasetyenziswe ngabo bonke abantu abachaphazelekayo ekulawulweni lweemviwo ze-*NSC*. Ingcaciso neenkqubo kwezi ncwadana zemigaqo *(handbooks)* mayifundwe ngocoselelo, yaye mayigqithiselwe nakwabanye abadlala indima yaye ilandelwe ngocoselelo ngawo onke amagosa achaphazeleka kulawulo, ukuqhutywa nokuphathwa kweemviwo ze-*NSC* ukuqinisekisa ukuthembeka kweemviwo.

9.4 Iikopi zesiNgesi ze-*NSC/SC Examinations Procedure Manual 2024/2025* ne-*Examination Handbook for Storage Managers,* ziya kufakwa xa kuziswa i-*electronic GLAM key* ukususela kowe-**07 ukuya kowe-11 Oktobha 2024**. Inguqulelo yesi-Afrikansi okanye eyesiXhosa yolu xwebhu *Examination Handbook for Storage Managers* ifumaneka yakuba iceliwe.

9.5 Kucelwa niqinisekise ukuba akhutshiwe kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo amanye amaphepha emibuzo oviwo kunye/okanye enye imathiriyeli yoviwo phambi kokwamkelwa kwamaphepha emibuzo eemviwo ze-*NSC* zango-Oktobha/Novemba 2024. Abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo bayacelwa ukuba bazalise esi satifikethi siqhotyoshelweyo i-*clearance certificate* (***Annexure A***) ukungqinisisa ukuba asusiwe onke amaphepha emibuzo ethuba elidlulileyo kwisefu/kwigumbi elinqatyisisweyo. **Isatifikethi esizaliswe ngokupheleleyo *(completed clearance certificate*) masithunyelwe nge-imeyili kuNks Bulelwa Lupondo ungadlulanga owe-18 Oktobha 2024.**

9.6 Njengenxalenye yeemfuno ezimiselweyo zokulawulwa kweemviwo ze-*NSC*, izintlu zokutshekisha *(checklists*) ezimbini mazizaliswe ngumphathi wendawo egcina imathiriyeli yoviwo. Izintlu zokutshekisha zabaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo *(**Annexure B**)* mazizaliswe yaye zithunyelwe nge-imeyili kuNks Bulelwa Lupondo. Uluhlu lokutshekisha lwemihla ngemihla (***Annexure C****)* maluzaliswe ngosuku ngalunye kuqhutywa uviwo yaye malugcinwe kwifayili ekwiziko lokubhalela uviwo.

9.7 Bakuba bonke abaviwa behleli yaye kwakhutshwa neencwadi zeempendulo, abaviwa ababini mabakhethwe ukwenzela ukungqinisisa ukuba ngaba kuziswe amaphepha achanekileyo na kwigumbi loviwo. Abaviwa ababini mababoniswe isatsheli/ingxowa yangaphakathi nganye *(every satchel/inner bag)* ukungqinisisa ukuba kutywinelwe

amaphepha emibuzo achanekileyo kwisatsheli/kwingxowa yangaphakathi. Abaviwa ababini mabasayine irejista eyi-*verification register* (eqhotyoshelwe njengo-***Annexure H***) kwigumbi loviwo.

9.8 Abantu ababini abangena kwisefu/kwigumbi elinqatyisweyo mabasebenzise irejista (***Annexure I)*** ukusayinela ukungena nokuphuma yaye mabaxele izizathu zokungena/zokufikelela kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo.

10. Kucelwa ninike umgadi wabaviwa ngamnye ikopi yale ngcaciso imfutshane kunye ne-*Examination Handbook for Storage Managers* njengemaxwebhu amabawafunde.

11. ISebe iWCED lifuna ukubulela bonke abaphathi bendawo egcina imathiriyeli yoviwo ngentsebenziswano kulawulo lweemviwo yaye libanqwenelela impumelelo kulawulo lweemviwo.

ISAYINWE: NGU-BJ LORISTON
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2024-10-10